Tshiamiso TRUST

www.tshiamisotrust.com

Compensation for silicosis and TB

AMAHLELO EENTLAWULO

Ngexesha ukusuka kowe-1 Febhuwari 2024 ukuya kowe-31 Janyuwari 2025

QAPHELA: Ezi zezona zixa-mali zikulu zihlawulwayo. Ezi zixa-mali zisenokuncitshiswa ngokusekelwe kumsebenzi obeka emngciphekweni owenziwe kwiimayini ezingafanelekiyo, ongaphandle kwala maxesha afanelekayo, kuquka nokuba ingaba imayini yegolide efanelekayo itshintshe abanini na phakathi ko-1965 no-2019.

AMABANGO ESILICOSIS

1 **I-Silicosis yoDidi loku-1:** ekuqaleni kwesilicosis - ukungasebenzi kakuhle kwemiphunga ukuya kutsho ku-10% (akubuyekezwa yi-ODMWA). **Ukuya kutsho kwi- R 78 732.53**

2 **I-Silicosis yoDidi lwesi-2:** Ilingana nesilicosis yeqondo loku-1 kwi-ODMWA. **Ukuya kutsho kwi- R 168 712.57**

3 **I-Silicosis yoDidi lwesi-3:** Ilingana nesilicosis yeqondo lesi-2 kwi-ODMWA. **Ukuya kutsho kwi- R 281 187.62**

4 **ISibonelelo Esikhethekileyo seSilicosis:** sigcinelwa inani elincinci labenzi bamabango abafanelekayo abafunyenwe ziimeko zesifo ezingummangaliso. **Ukuya kutsho kwi- R 562 375.25**

5 **Umntu Oxhomekekileyo koneSilicosis yoDidi A:** Umntu oxhomekeke ngokwenkxaso-mali kumenzi webango ofanelekileyo nongasekhoyo wesilicosis owasweleka phakathi komhla we-12 Matshi 1965 nowe-10 Disemba 2019, nalapho isilicosis ithathwa njengoyena nobangela uphambili wokusweleka. **Ukuya kutsho kwi- R 112 475.05**

6 **Umntu Oxhomekekileyo koneSilicosis yoDidi B:** Umntu oxhomekeke ngokwenkxaso-mali kumenzi webango ofanelekileyo nongasekhoyo wesilicosis owasweleka phakathi komhla woku- 1 Janyuwari 2008 nowe-10 Disemba 2019, nalapho umntu lowo owaswelekayo wayenemeko yesigulo echazwe ku-2 okanye u-3 apha ngasentla. **Ukuya kutsho kwi- R 78 732.53**

AMABANGO ESIFO SEPHEPHA

(kwenzelwa abasebenzi basemayini ababhubhe emva kowe-10 Disemba 2019)

7 **I-TB yeqondo lokuqala: Kumele (i) abe usebenze phantsi komhlaba kwimayini efanelekayo kangangeminyaka emibini; kwaye (ii) abe ufunyaniswe ene-TB yeqondo lokuqala kungaphelanga unyaka esebenza ishifti enye ubuncinane kwimayini efanelekayo.** **Ukuya kutsho kwi- R 56 237.52**

8 **I-TB yeqondo lesibini: Iimeko ezifanayo naku-7 ngasentla kodwa kuxilongo lweqondo lesibini: Uxilongo lwe-TB luhambelana neengcaciso ze-MBOD.** **Ukuya kutsho kwi- R 112 475.05**

AMABANGO EMBALI YESIFO SEPHEPHA

(kwenzelwa abasebenzi basemayini ababhubhe emva kowe-10 Disemba 2019)

9 **"Imbali" ye-TB (xa kungekho ingxelo efumanisa iqondo le-TB): Kumele: (i) abe usebenze kwimayini efanelekayo kangangeminyaka emi-2 phakathi kowe-12 Matshi 1965; nowe-28 Febhuwari 1994; (ii) abe unikwe isatifiketi se-TB (esingalibonisiyo iqondo le-TB) kungadlulanga unyaka esebenza ishifti enye ubuncinane kwimayini efanelekayo.**

Ukuya kutsho kwi-R 11 247.50
Ngemeko efanayo naku-(i) no-(ii) kodwa enobungqina be-TB yeqondo lokuqala: Ukuya kutsho kwi-R 53 493.01 okanye kwi-TB yeqondo lesibini: Ukuya kutsho kwi-R 112 475.05

AMABANGO ESIFO SEPHEPHA

(kwenzelwa abasebenzi basemayini ababhubhe ngaphambi kowe-10 Disemba 2019)

10 **Lowo uxhomekeke kumfi ofanelekayo njengomenzi webango le-TB: (i) umfi ebesebenza phantsi komhlaba kwimayini efanelekayo kangangeminyaka emibini; (ii) umfi ubhubhe kungadlulanga unyaka esebenza ishifti enye ubuncinane kwimayini efanelekayo; kunye no-(iii) i-TB ibingunobangela ophambili wokubhubha.** **Ukuya kutsho kwi- R 112 475.05**